# IMBALI EMFUTSHANE YAMAMUSLIM

I Islam yenye yeenkolo ezinkulu ehlabathini.

Ukususela ekuzalweni kwayo i-Islam e-Arabia kwiminyaka eyi 1,400 eyadlulayo yakhula ngokukhawuleza, yenza impembelelo enkulu kwifilosofi (intanda bulumnko, uncwadi, ubugcisa, ubunzululwazi namayeza njengoko sibona okokoko kwezembali.

Namhlanje, kuqikelelwa ukuba ehlabathini liphela malunga ne 1,8 billion yabantu ziiMuslim, okanye ikota yenani lwabantu abasehlabathini ziiMuslim.

Ingxam yemfundiso ye Islam kukuba Kukho Lowo Yena Yedwa unguSomandla, uThixo (onguSolwazi, ngesi Arabu ubizwa ngokuba ngu Allah. Ngesi Arabu eli gama lithi Islam lithetha "ukuzinikezela", kwintando kaThixo.

I Islam yasungulwa ngumProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam, Yena wazalwa eMakkah Mukarramah malunga nonyaka we 570 CE emva koko wayohlala eMadinah Munawwarah ngonyaka u 622 CE. UmProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wayengumProfethi wokugqibela kwaye engoyena ubalulekileyo kubo bonke abaProfethi, kuquka u-Abraham, uMosisi kunye noYesu Inga uxolo luka Allah lungakubo bonke.

Incwadi Engcwele ye Islam yiQuran Engcwele, Ilizwi lika Allah Ta'ala.

Eyona nto iphambili kukuthandaza rhoqo, ukukholwa, ukuzila ukutya nezinye izinto kube kanye ngonyaka inyanga yonke, ukuthabatha uhambo oluya eMakkah Mukarramah kube kanye ebomini kunye nokwenza umnikelo.

**Imbali ye Islam ngokufutshane:**

570 - Ukuzalwa komProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam
610-Ukuqala ukufumana isiprofetho sokuqala seQuran
614- Imfuduko yokuqala yokuya eAbyssinia (Etopiya)
622-Ukufudukela kwakhe eMadinah Munawwarah
632-Ukusweleka kukamProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam
660-I Islam yafikelela eYiphutha, eLibya, e-Iraq, e-Iran, ePalestina, naseSyria
750-I-Islam yafikelela e-Algeria, eMorocco, eSpain, ePortugal, nasePakistan
1250-I-Islam yafikelela embindini we Asia
1600-Ngoku yayisele ifikelele eTurkey, Greece, Hungary, Bulgaria, Serbia, Albania, Bosnia, Mali, Nigeria, Kenya, Tanzania, Mozambique, Indonesia, Malaysia

I-Islam yeyona nkolo igqugqisayo embindini we Asia, Indonesia, eMbindi Mpuma, eMantla e Afrika, eSahel kunye nezinye iindawo eAsia AmaMuslim e Afrika ayi 47% yenani lwabantu base Afrika.

